URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

2019 The Year of the Learner Developing a Values Mindset

WCED transform to perform

INgxelo eya kuBemi ka-2018/19

Singoobani thina?

UDebbie Schäfer
onguMphathiswa weSebe leMfundo eNtshona Koloni

uphathiswe ezeMfundo kwi - General and Further Education ezikolweni (GET) ne-FET, kumaBakala R ukuya ku-12), kuqukwa nemfundo kubafundi abaneemfuno zemfundo ezizodwa kunye nophuhliso lwemfundo yabantwana abasaqalayo.

UBrian Schreuder
oyiNtloko yeSebe leMfundo

ngumsebenzi wenkonzo karhulumente, oqeshelwe ukuqinisekisa ukuba iSebe leMfundo leNtshona Koloni (iWCED) lizisa imfundo esemgangathweni kubo bonke ngokunika ulwazi ngobunkokeli obububo nokuphumeza imigaqo-nkqubo kwaneendlela ezintsha zokusebenza kakuhle nangobuchule.

Umbono wethu:

Imfundo esemganagthweni kumfundi ngamnye, kwiklasi nganye, kwisikolo ngasinye kwiphondo.

Yintoni esiyenzayo?

- Kukudala amathuba amahle omntu wonke ngokuphucula iziphumo zokufunda
- Kukuphucula umgangatho wolwimi nemathematika kuzo zonke izikolo
- Kukwandisa amanani nomgangatho wokupasa kwabafundi kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke
- Kukuphucula umgangatho wokubonelela ngemfundo kubahlali abahlwempuzekileyo

IINKONZO ZETHU ZIQUKA:

- Ucwangciso nolawulo lwenkqubo yemfundo ngokweenkalo zonke
- Imfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo
- Inkxaso kwizikolo ezizimeleyo
- Imfundo kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zikarhulumente
- UPhuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo (ECD) kwiBakala R
- Amathuba oqeqesho kootitshala nakwabangezotitshala
- Inkqubo yokutya ethagethiweyo namanye amanyathelo okuthomalalisa intlupheko kunye nawezokhuseleko
- Ukunika inkxaso ootitshala ngokubonelelwa ngenkonzo yeemeko zengqesho ezizezona zifanelekileyo, iiprogram zenkuthazo (incentives) nezempilo-qete yabasebenzi

IZiko lethu nokuqeshwa kwabasebenzi nabafund

Amaziko oKwenziwa kweeNkonzo			Abafundi	
UNdlunkulu		1	Abafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo, kubandakanywa ukususela kwiBakala1–12	1 045 476
Ii-ofisi zezithili (ziyi-64 iisekethe ezibonelela ngenkxaso ngokuthe ngqo ezikolweni. Amagosa aqeqeshiweyo azindidi kuqukwa nabaphathi beesekethe, abacebisi bezifundo namagosa emfundo eneemfuno ezizodwa (iisayikholojisti, oonontlalontle nabacebisi abanika inkxaso ekufundeni) abonelela ngenkxaso ezikolweni.		8	Abafundi kwiBakala R kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	67 492
Izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo		1 438	Abafundi kwiBakalaR kumaziko azimeleyo (e-ECD)	13 686
Izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zikarhulumente		72	Abafundi kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zikarhulumente	19 087
Ukuqeshwa kwabasebenzi (Staffing)	Ootitshala	32 324	Abafundi kwizikolo ezizimeleyo, amaBakala1–12	55 315
	Abasebenzi beNkonzo kaRhulumente (Izithuba zengqesho ezivunyiweyo)	8 665	**Itotali**	**1 201 056**

Enrolment source 2018: Annual School Survey. Ordinary sector, ECD sector and SNE sector

Ukushwankathela u-2018/19

- U-2018 wabhengezwa njengokuba “NguNyaka woKufunda oKhokelwa ziiMfundiso ezisiSiseko”, unawo nomxholwana othi, “Ukubhiyozela ooTitshala bethu aBagqwesileyo”. Lo mxholo uqhubekile ukuphakamisa iprofayili nomoya wootitshala bethu ngengqinisekiso eqhubeka okoko nenika ithemba ngegalelo elinexabiso kwinkqubo yezemfundo. U-2019 wabhengezwa njengokuba, “Ngunyaka woMfundi”, unomxholwana othi, “UkuPhucula iNdlela yokuCinga ejolise kwiiMfundiso ezisiSiseko”. Umxholo ka-2019 waba linyathelo lokuqala elijolisa umfundi kwindima ebalulekileyo edlalwa kukukhula kwakhe ekufumaneni iziphumo zokufunda ezikumgangatho ophuculweyo.
- Njengenxalenye yesiCwangciso soKutshintsha iNdlela yoKwenza (Transform to Perform Strategy) seSebe iWCED, iSebe livelise iiphowusta eziluthotho ezithunyelwe ezikolweni ukukhuthaza umxholo othi “UNyaka woMfundi”, iimfundiso ezisisiseko zeSebe iWCED, kwakunye nokwamkelwa kweemfundiso ezisisiseko eziyi-12 ngesikolo ngasinye apha enyakeni. Kwasiwa ezikolweni iiphowusta eziyi-21 250 zizonke. Kwenziwa ikhasi (home page) elicacisa ezi ndidi kwiziko lewebhu (branding page) lethu ukwenzela ukukhutshelwa kwee- ayithem ezazisa nezikhuthaza oku ezinxulumene neli phulo ukwenzela ukuthengwa kwazo ngabantu.
- UNks Wilna van Heerden, inqununu yase-Bloemhof Girls’ High School e-Stellenbosch, yawongwa kwi-Sustainability Awards apho yafumana iBhaso i-South African Education Leadership Award.
- ISithili i-Cape Winelands District sachazwa njengesona sithili siphucule umgangatho kweli lizwe ngokuthi sifumane elona nani liphezulu labafundi abapase i-Mathematics ne-Physical Science kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke ukususela ku-2016 ukuya ku-2018.
- ISithili i-West Coast District sibe kwindawo yesithathu ngelona nani labafundi liphezulu labapase i-Mathematics ne-Physical Science kwithuba leminyaka emithathu edlulileyo.
- IZithili i-Metro Central ne-Metro North Districts zibe kwindawo yesibini neyesithathu ngokulandelelanayo kudidi lwabapasele ukufunda isiDanga sokuQala ngeqondo eliphezulu kwimviwo zeNSC ukususela ku-2016 ukuya ku-2018.
- Amaphulo abe yimpumelelo ye-eLearning kunyaka ka-2018/19 ngala alandelayo:
  - URhulumente wePhondo leNtshona Koloni waqhagamshelanisa (linked) izikolo eziyi-1 250 kwi-broadband connectivity, unxibelelwano no-Intanethi.
  - Ziyi-460 izikolo zizonke ezaqhagamshelwaniswayo kwiprojekthi i-local area network (LAN) project, eyaqinisekisa ukuba indawo nganye yokufundisela kwezi zikolo ngaphakathi inako ukufumana u-Intanethi nge-broadband internet connectivity ebonelelweyo kwakunye ne-interconnectivity apha ngaphakathi esikolweni.
  - Ukuphunyezwa kwe-Smart Classroom Project kwafikelela kwii-Smart Classrooms eziyi-1 357 kwizikolo eziyi-131 ngokubanzi, yaye oko kungaphezu kwethagethi ebekujoliswe kuyo ekuqaleni. Ukuphunyezwa ngokumana kusandiswa inani le-Smart Classroom Project apha ngaphakathi kule minyaka mithathu idlulileyo zii-Smart Classrooms eziyi-7 818.
  - Iprojekthi i-eResources/ePortal Project yiprojekthi eyi-online digital content project, emana isongeza ngezigaba ngezigaba imathiriyeli engqinelaniswe nekharityhulam nehambelana namabakala nezifundo kule projekthi. Kukho ngaphezu kwe-12 500 yezibonelelo ezipapashwe nge-ePortal Project.
- Sifake kwizithuba ezikolweni ootitshala abayi-361 abakwilisti ena-571 yootitshalala abafanelekilyo abanebhasari yeFunda Lushaka abazigqibayo izifundo zabo ekupheleni kuka-2017 kwizithuba ezingenamntu ezixhaswa ngemali ukwenzela u-2018 (ngu-63,2% ireyithi yokufakwa kootitshala kwizithuba).
- Yi-291 eyongezelelweyo kwilisti efanelekileyo yabafumene ibhasari yeFunda Lushaka abayi-609 abafakwa kwizithuba ekupheleni kuka-2018 kwizithuba ezingenamntu ezixhaswa ngemali ukwenzela u-2019 (47,8%) ireyithi yokufakwa kwizithuba kunyaka-mali).
- IProgram engeMpilo Qete yaBasebenzi, ebonelela ngenkxaso okoko ejolise kwiimfuno ezimalunga nokusebenza kwengqondo, ezemvakalelo nezendlela yokuphila zabaqeshwa, yaphakanyiswa kwiiseshoni ezigxininisa koku eziyi-22 neeNtsuku eziyi-51 zeMpilo nezeMpilo Qete yaBasebenzi, eziqhutywa liSebe.

Siqhuba njani?

Iimvavanyo zenkqubo yezemfundo

Iziphumo zeeMvavanyo zeNkqubo yeMfundo yeSebe iWCED kumaBakala 3, 6, & 9 kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ngo-2016-2018

Izifundo	IMathematika			ULwimi		
Iminyaka yokufunda	2016	2017	2018	2016	2017	2018
	IBakala 3					
I-% yeReyithi yokuPasa	57,7	59,3	56,6	42,5	46,6	45,8
	IBakala 6					
I-% yeReyithi yokuPasa	40,1	38,6	42,4	40,1	38,7	38,5
	IBakala 9					
I-% yeReyithi yokuPasa	23,6	22,0	23,0	55,1	53,0	52,6

I-Source: Systemic results

Amanqanaba obunzima eemvavanyo zenkqubo yemfundo anyusiwe, yaye oko kucacisa ukuhla okungabhekanga phi kwezinye iimeko.

Amaqondo okupasa kumaBakala 1-11



	Gr. 1	Gr. 2	Gr. 3	Gr. 4	Gr. 5	Gr. 6	Gr. 7	Gr. 8	Gr. 9	Gr. 10	Gr. 11
Nyk 14	87,8%	91,7%	94,9%	88,5%	94,6%	96,3%	93,8%	87,5%	78,4%	81,0%	88,9%
Nyk 15	89,0%	91,4%	94,8%	89,7%	95,3%	96,9%	94,4%	85,8%	85,5%	77,4%	85,0%
Nyk 16	90,3%	91,9%	94,6%	90,4%	95,5%	97,1%	94,4%	88,3%	90,5%	79,8%	88,2%
Nyk 17	91,1%	92,5%	94,4%	91,4%	95,7%	97,6%	95,7%	89,6%	92,1%	79,3%	86,8%
Nyk 18	90,6%	92,1%	94,8%	91,1%	95,3%	97,2%	95,1%	88,3%	89,9%	78,3%	85,7%

Ireyithi yokugcinwa kwabafundi kwicandelo le-Further Education and Training (FET) band



Ukugcinwa kwabafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kwi-FET band (iBakala10 ukuya ku-12) kuye kwaphucuka ukusuka ku-61% ngo-2012 ukuya ku-66,8% ngo-2018, nokukuhla nje okungabhekanga phi ukususela ngo-2017.

ISatifikethi seMatriki isikaZwelonke

- ISebe iWCED liphumelele ngeqondo lokupasa elingu-81,5% .
- Bayi- 41350 abaviwa abapasayo.
- Bayi-24 823 abapase ezinkwenkwezini kuzo zonke izifundo ezibhalwe ngo-2018
- Ngabaviwa abayi-42,35% abapasele ukufunda isiDanga sokuQala ngo-2018 eyunivesithi– elona qondo lande ukusuka ku-39, 1% ngo-2017..
- Bayi-76,9% abaviwa apasa i-Mathematika elona qondo liphezulu kweli lizwe.
- Bayi-79,5% abaviwa abapasa i-Physical Science
- Izikolo ezilishumi zemfundo eneemfuno ezizodwa zabhala iimviwo zeSatikethi seMatriki sikaZwelonke zafumana ireyithi yokupasa engu-100%.
- Bayi-91 abafundi bezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zikarhulumente abapasele ukufunda isiDanga sokuQala, oko ikukwanda okukhulu ngabafundi abayi-31 ngo-2017.
- ISebe iWCED ngoncedo lwe-Pioneer School, lakhupha isatifikethi seBreyili sokuqala (Braille certificate) kumviwa weNSC. U-Lise-Mari van Wyk waseNtshona Koloni wafumana amabhaso kazwelonke nawephondo ngokupasa kwakhe ngokugqwesileyo kwiimviwo ze-NSC zango-2018.
- INtshona Koloni yaligcina iqondo lokupasa ngo-66,8% kwabafundi kwinkqubo yemfunndo ukususela kwiBakala 10 ukuya kwimatriki.

Uthelekiso lweziphumo zeNSC zeSebe iWCEDukuqalela ku-2010–2018						
Unyaka	**Ababhalileyo**	**Abapasil eyo**	**I-% yabapasil eyo**	**Abapasele ukufunda isiDanga sokuQala**	**-% yaBenza isiDanga sokuQala**	**Izikolo ezinereyithi yokupasa engu<60%**
2010	45 783	35 139	76,8	14 414	31,5	78
2011	39 988	33 146	82,9	15 215	38,1	30
2012	44 700	36 992	82,8	16 319	36,5	26
2013	47 636	40 558	85,1	19 477	40,9	23
2014	47 709	39 237	82,2	18 524	38,8	31
2015	53 721	45 496	84,7	22 379	41,7	27
2016	50 847	43 725	86	20 804	40,9	19
2017	48 867	40 440	82,8%	19 101	39,1	33
2018	**50 754**	**41 350**	**81,5**	**21 492**	**42,3**	**43**
Umthombo wedatha (Source):EIS – NSC Exams Grade 12						

Ukulungisa iingxaki

Izabelo-mali zemimiselo nemigangatho zezikolo zilinganiswe kuthathelwa ingqalelo izikolo eziphakathi kwabahlali abahlwempuzekileyo. Kwixesha elidlulileyo, izikolo ezikuManqanaba eNtlupheko (National Quintiles)1-3 zafumana isabelo esihlelwe ngokomlinganiselo othathela ingqalelo izikolo eziphakathi kwabahlali abahlwempuzekileyo. Nakuba kunjalo, izixa ezihlawule "ngomfundi ngamnye" kwizikolo zikarhulumente kumaNqanaba, 1, 2 no-3 eNtlupheko zalinganiswa nezixa zango-2013/14, ngamanye amagama, izikolo zeNQ 2 no-3 zafumana isixa esifanayo senkxaso-mali efana neseNQ 1.

Ulwabiwo ngokweethagethi zikazwelonke			
	2016/17	2017/18	**2018/19**
Inqanaba 1 leNtlupheko	R1,177	R1,243	**R1 316**
Inqanaba 2 leNtlupheko	R1,177	R1,243	**R1 316**
Inqanaba 3 leNtlupheko	R1,177	R1,243	**R1 316**
Inqanaba 4 leNtlupheko	R938	R993	**R1 069**
Inqanaba 5 leNtlupheko	R350	R369	**R352**

Imeko yeeFizi	Inani lezikolo zizonke
Ezingabizi zifizi	859
Ezibiza iifizi	573
Itotali iyonke	1 432
Makuqatshelwe ukuba izikolo ezitsha zichazwa ngokwahlukileyo.Umthombo wedatha:CEMIS	

- Ukwandiswa kweprogram "yezikolo ezingabizi zifizi" ngo-2014 ukubandakanya ezikolo zamaNqanaba 4 and 5 eNtlupheko kwaba neziphumo ezibonakalayo ngokungaphezulu njengoko izikolo eziyi-216, ezinabafundi abayi-172 541, kumaNqabana4 no-5 eNtlupheko zaba zizikolo "ezingabizi zifizi" ngokwenza isicelo sokuba sibe sisikolo "esingabizi zifizi".
- Eli nani lanyuka laya kufikelela ku-224 yaye ngo-2019 laya ku-3 806, kubafundi abayi-838 abongezelelweyo. Ezi zikolo zafumana izibonelelo ezifanayo nenkxaso efunyanwa nazizikolo "ezingabizi zifizi"
- Izikolo ezibiza iifizi zafaka izicelo zembuyiselo zabafundi abaxolelweyo ekuhlawuleni iifizi kwimeko apho abazali bengenako ukuhlawula iifizi ngokuphelelelo.

Isishwankathelo sika-2018/19

Nakuba bekukho izithintelo ezixhomisa amehlo kwibhajethi yethu, senze konke okusemandleni ethu ukuyigcina inkxaso-mali eyabelwe amaphulo agxininisa kwabahlwempuzekileyo. La maphulo aquka oku:

- Ngo-2018, yi-R55, 391 izigidi ezahlawulwayo ukunika inkxaso kwizikolo ezingabizi zifizi kubafundi abayi-81, 303 kwizikolo eziyi-552.
- Bayi- 61 061 abafundi abakufanelayo ukusebenzisa isikim sothutho lwabafundi ukuya nokubuya esikolweni.
- ISebe londle abafundi abayi-479 790 abathagethiweyo kwizikolo eziyi-1 007 ngeProgram eyi-National School Nutrition Programme (NSNP).
- Izinto eziqaqambileyo kwiProgram yeZikolo eZikhuselekileyo zezi zilandelayo:
  - Isixhobo sekhompyutha sokuzivavanya kwezikolo i-electronic risk self-assessment tool senzelwa ukuhlela amanqanaba eengozi ezikolo ngokweqela leekhrayitheriya ezichongiweyo.
  - Ayi-36 amagosa azii-school resource officers (SROs), aqeshwe siSixeko seKapa, awaqeshwayo kwizikolo eziyi-18, ayi-21 kwii-Delft schools namanye ayi-18 ezikolweni ezikwiingingqi ezikhuselekileyo.

- Inkxaso yabazali neyabahlali, kuquka neenzame zothintelo nezongenelelo nguncedo kwasekuqaleni, ziindlela ezizezona zithembekileyo nezonga iindleko zokunika inkxaso kukhuseleko ezikolweni.
- Intsebenziswano neSebe loKhuseko lwaBahlali, iiforam ii-community policing forums namabutho
- asekuhlaleni okhuseleko ii-neighbourhood watches, asebenzisana ne-South African Police Service, ibangele uzinzo olusemgangathweni ofanelekileyo.

- IProgram i-Mass participation; Opportunity and access; Development and growth (MOD) Programme yaqaliswa kwizikolo eziyi-181 kwizithili zemfundo ezisibhozo – ayi-97 amaziko asebenza kwiizikolo eziziprayimari neziyi-84 izikolo eziphakamileyo. Iiprogram ziqhutywa emva kwesikolo yaye zibonelele abafundi ngamathuba okuziqeqeshela imidlalo nokuthatha inxaxheba kwimisebenzi ebaxhobisa ngezakhono. Ukongeza apho, iiProgram zeZikolo eziKhuselekileyo nezoKuphucula uMgangatho eZikolweni zeSebe iWCED ziqhagamshelene nee-MOD Centres ukubonelela ngemisebenzi eziindidi.
- Iinkqubo eziqaqambileyo eziyimpumelelo yezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ngo-2018/19 zezi zilandelayo:
  - Ziyi-71 zizonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo zemfundo eneemfuno ezizodwa (SNE) ezathatha abafundi abayi-19 087 bemfundo eneemfuno ezizodwa.
  - Bayi-112 bebonke ootitshala abaqeqeshiweyo kwiikhosi ezikhredithiweyo eziqhutywa yiyunivesithi.
  - Ootitshala abanika inkxaso kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo eziyi-162 banikwa i-Smart Classroom technology elingwayo emayisetyenziswe ithekhnoloji yengcaciso nonxibelelwano ukunika inkxaso abafundi.
  - Amaziko ezibonelelo zezikolo akhethekileyo aqhuba oomasifundisane kwiinkalo zobuchwepheshe, umzekelo ezimalunga nezithintelo ekufundeni, isigulo zokungazinzi kwengqondo (attention deficit disorder), iinkqubo zovavanyo ezizezinye (alternative assessment), nenkxaso ukuncedisa abanengxaki yokuva, njalo-njalo.
  - Iikomiti ii-Vera, Glenbridge ne-Noluthando Special School Resource Centre Autism Spectrum Disorder Outreach Teams zabonelela ngoqeqesho kubazali, ootitshala nakubasebenzi beenkonzo zobungcali.
  - Bayi-120 142 abafundi kwizikolo eziziprayimari abafumana inkxaso kootitshala abanika inkxaso ekufundeni kuLwimi makwiMathematika.
  - Kwafakwa iirempu (ramps) zokubambelela yaye kwenziwa utshintsho apha naphaya kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo, njengoko kuyimfuneko, ukulungiselela abafundi abahamba ngezitulo ezinamavili (wheelchairs) okanye abanengxaki zokukhubazeka, bafikelele kwizakhiwo nakwiifasilithi. Izikolo ezikhoyo eziyi-36 zenziwa zakulungela ukufikelelwa ngabafundi abanezithintelo.
  - Zonke izikolo ezakhiweyo ezitsha zenziwe nazo zakulungela ukufikelela kwabafundi abanezithintelo.

- IBakala R lifundiswa kwizikolo eziziprayimari/izikolo ezidibeneyo eziyi-989 nabafundi abayi-94 046 ababhalise kwiBakala R kwiphondo.
- UNdlunkulu namagosa ezithili akubeke esweni ukusetyenziswa kweenkxaso-mali kwizikolo zikarhulumente ezizimeleye eziyi-972 neziyi-383 ze-ECD ezingamaziko azimeleyo.
- I-South African Sign Language yaqaliswa kwiiklasi zeBakala R kwezi zikolo zilandelayo: Noluthando, Dominican School for the Deaf, Mary Kihn, De La Bat ne-Nuwe Hoop.
- Iipraktishina nabancedisi zeBakala bafakwa kwizikolo ezihlanu zabaneNgxaki yoKuva ukwenzela ukuba ziququzelele ukufunda ngokuqala ziziqaphele kwasekuqaleni izithintelo ekufundeni.

Ukwakhiwa nokuphuculwa kwezikolo ngo-2018/19:		
Izikolo ezakhiwayo	5	Izikolo ezitsha zagqitywa yaye zanikezelwa
	5	Izikolo ezatshintshiwayo ezagqitywayo
Iiklasi ezongezelelweyo ezagqitywayo	65	Iiklasi ezongezelelweyo kwizikolo eziyi-15
	27	IIklasi zeBakala R
	173	Iiklasi eziziimobhayili ezabonelelwayo
	7	IIholo zezikolo ezakhiwayo
	12	Izikolo ezaxhamlayo kwiilebhu ezihlaziyiweyo

Ibhajethi yethu

ISebe iWCED lichithe ipesenti engu-99,83 yebhajethi ehlenga-hlengisiweyo ka-2018/19. Inkcitho enganeno efikelele kwi-R37, 346 yezigidi okanye 0,17% yebhajethi ehlengahlengisiweyo kumyinge ka-2% womlinganiselo wothelekiso omiselweyo.

Igama leprogram	2018/19			2017/18		
	Isixa solwabiwo-mali sokugqibela	Inkcitho eyiyo kanye	Inkcitho enganeno /engaphezulu	Isixa solwabiwo-mali sokugqibela	Inkcitho eyiyo kanye	Inkcitho enganeno/ engaphezulu
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Ulawulo	1 563 125	1 556 902	6 223	1 512 598	1 510 372	2 226
Imfundo yesikolo sikarhulumente esiqhelekileyo	16 352 197	16 347 764	4 433	15 276 354	15 191 515	84 839
Iinkxaso-mali zezikolo ezizimeleyo	113 179	113 179	-	106 912	106 912	-
Imfundo kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zikarhulumente	1 258 980	1 258 295	685	1 189 384	1 188 911	473
UPhuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo	569 355	569 355	-	525 315	525 315	-
Uphuhliso lweziseko-zophuhliso	1 835 544	1 810 370	25 174	1 737 730	1 674 977	62 753
Iinkonzo zeemviwo nezemfundo ezinxulumene nazo	457 400	456 569	831	374 400	368 834	5 566
Itotali	**22 149 780**	**22 112 434**	**37 346**	**20 722 693**	**20 566 836**	**155 857**

Wes-Kaapse Regering
Onderwys

2019 The Year of the Learner
Developing a Values Mindset

WCED transform to perform

Indlela yokuqhagamshelana nathi

ISebe iWCED lisebenza kwizithili ezisibhozo yaye linoNdlunkulu oseKapa.

Iziko lewebhu	Idilesi yeposi	Ifoni	Ifeksi
WCED Head Office	Private Bag 9114, Cape Town, 8000	021 467 2000	021 467 2996
Metro Central	Private Bag X4, Mowbray, 7705	021 514 6700	021 514 6953
Metro East	Private Bag X23, Kuilsriver, 7579	021 900 7000	086 556 9519
Metro North	Private Bag X45, Parow, 7500	021 938 3000	021 938 3180
Metro South	Private Bag X2, Mitchell's Plain, 7785	021 370 2000	021 372 1856
Cape Winelands	Private Bag X3102, Worcester, 6849	023 347 4600	023 342 2898
Eden & Central Karoo	Private Bag X6510, George, 6530	044 803 8300	044 873 3428
Overberg	Private Bag X08, Caledon, 7230	028 214 7300	028 214 7400
West Coast	Private Bag X3026, Paarl, 7620	021 860 1200	021 860 1231

Amaziko eefoni eSebe iWCED, amaziko ewebhu namajelo onxibelelwano:

Imibuzo ngezemicimbi yabasebenzi nezemali: 086 192 3322
IZikolo eziKhuselekileyo: 080 045 4647
Iprogram yeMpilo Qete yaBasebenzi: ICAS Toll-Free Number: 0800 111 011

Iziko lewebhu: WCED Online https://wcedonline.westerncape.gov.za
WCED eportal: http://wcedeportal.co.za

E-mail list: WCEDnews http://list.pgwc.gov.za/mailman/listinfo/wcednews

Twitter (micro-blogging)
WCEDnews **http://twitter.com/wcednews** (for news-in-education-related tweets)

OUR VALUES

- C — Caring
- Co — Competence
- A — Accountability
- I — Integrity
- In — Innovation
- R — Responsiveness

OUR CORE VALUES

These values are our guiding principles for what we stand for and believe in.

Caring

To care for those we serve and work with.

Competence

The ability and capacity to do the job we were employed to do.

Accountability

We take responsibility.

Integrity

To be honest and do the right thing.

Innovation

To be open to new ideas and develop creative solutions to problems in a resourceful way.

Responsiveness

To serve the needs of our citizens and employees.

Western Cape Government

Education